



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBA 2012**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P2**

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: 2½ iiyure**

---

Olu viwo lunamaphepha angama – 21.

---

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Nceda ufunde le miyalelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiquulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeetekisi ozifundisiwego kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamacandelo amaThaThu:

ICANDELO A:	Isihobe	(30)
ICANDELO B:	Inoveli	(25)
ICANDELO C:	Idrama	(25)
4. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.
5. Kulindeleke ukuba uphendule imibuzo emihlanu iyonke:  
Imibuzo emithathu kwicandelo A; omnye kwicandelo B nomnye kwicandelo C.  
Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) olukwiphepha lesine lokukunceda.
6. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.
7. Icandelo lemibuzo ngalinye liqale kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

ICANDELO A:	malunga nama – 40 emizuzu	ICANDELO B:
ICANDELO B:	malunga nama – 55 emizuzu	ICANDELO C:
ICANDELO C:	malunga nama – 55 emizuzu	

**Iphepha lesiqulatho**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

<b>ICANDELO A: ISIHOBE</b>		
Imibongo emiselweyo: <b>Phendula NAYIPHI na imibuzo emiBINI</b>		
<b>INOMBOLO YOMBUZO</b>	<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>
1. (UNkosana “The Happyboy” Mgxaji)	Umbuzo omde	10
<b>OKANYE</b>		
2. (Izifo zabantwana)	Umbuzo omfutshane	10
<b>OKANYE</b>		
3. (Aphi na amadoda!)	Umbuzo omfutshane	10
<b>OKANYE</b>		
4. (UProfesa A. C. Jordan)	Umbuzo omfutshane	10
<b>Umbongo Ongamiselwanga: Phendula NAWUPHI OMNYE</b>		
5. (Ukuthetha)	Umbuzo omde	10
<b>OKANYE</b>		
6. (Ukuthetha)	Umbuzo omfutshane	10

<b>ICANDELO B: INOVELI</b>		
Phendula umbuzo <b>OMNYE</b> .		
7. (Nyana Wam! Nyana Wam!)	Umbuzo omde	25
<b>OKANYE</b>		
8. (Nyana Wam! Nyana Wam!)	Umbuzo omfutshane	25
<b>OKANYE</b>		
9. (Ukhozi olumaphiko)	Umbuzo omde	25
<b>OKANYE</b>		
10. (Ukhozi olumaphiko)	Umbuzo omfutshane	25

<b>ICANDELO C: IDRAMA</b>		
Phendula umbuzo <b>OMNYE</b> .		
11. (A-a-a! Jongumsobomvu)	Umbuzo omde	25
<b>OKANYE</b>		
12. (A-a-a! Jongumsobomvu)	Umbuzo onmfutshane	25
<b>OKANYE</b>		
13. (Amaza)	Umbuzo omde	25
<b>OKANYE</b>		
14. (Amaza)	Umbuzo omfutshane	25

**QAPHELA:KUMACANDELO B no C**, phendula umbuzo omde omnye nombuzo omfutshane omnye.

**Itshekhlisi:**

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqiniseke ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EMAYIPHENDULWE	TIKISHA NGASEZANTSİ
A: Isihobe (imibongo emiselweyo)	1–4	2	
A: Isihobe (Umbongo ongamiselwanga)	5–6	1	
B: INovelı (umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7–10	1	
C: Idrama (umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	11–14	1	
<b>QAPHELA: Kuma Candelo B no C, phendula umbuzo omde ube mnye nombuzo omfutshane omnye.</b>			

**ICANDELO A: ISIHOBE****IMIBONGO EMISELWEYO****VUKANI MADODA KUSILE – IZIBONGO NAMANQAKWANA: Ingqokelela yababhalo**

**IMIYALELO:** Kweli candelo kubuzwe imibongo emiNE emiselweyo nemIBINI engamiselwanga.

Umlingwa kulindeleke ukuba aphendule imibozo ebuzwe kuyo nayiphi na imibongo okanye naziphi na izibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongamilselwanga.

**QAPHELA:** Umbuzo ongombongo ongamilselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qiniseka ukuba uphendule imibozo emithathu kweli candelo.

**UMBUZO 1 ( Umbuzo omde)**

Fundisa lo mbongo ulandelayo ngocoselelo uze ucazulule indlela ethi imbongi simncede ngayo uMgxaji isakhono sakhe emanqindini.

[10]

**UNkosana “The Happyboy” Mgxaji: N. Thuthani**

- 1 Ebesithi elapha abe phaya eqongeni,
- 2 Esenz’amatanyadanya edlala ngeenyawo,
- 3 Etyibiliha eqongeni esebeanzis’iinyawo ngomtsalane omkhulu.
- 4 Elibhanx’ixhoba enguphuncuka-bemphethe,
- 5 Loo matshamba ebukeka, elingqul’ixhoba!
  
- 6 Zalwa zizijul’ijacu yem’entla into kaMgxaji
- 7 Ebeth’akudibana nembethi-manqindi elolu hlobo,
- 8 Amelane nayo, ayiqhath’ibe sisitunxa,
- 9 Akudibana nenjeya azijke afane nayo angaxakeki
- 10 De aqaqambe asamel’ekhuphezirkra izithonga
- 11 Yakuxhom’umgangatho awuxhome de athi vetshe
- 12 Kulaph’ibikhon’imfihlelo yesakhono sakhe.
  
- 13 Xa igquqisil’ekhaya yakhonjwa kwezapheleya,
- 14 Yabhong’igqubel’ezapheleya kwamanz’iinkunzi,
- 15 Yacel’umngeni nakwezo izidaphula ngophondo,
- 16 Kungugqwaka-gqwaka zakuhlangana ngeempondo,
- 18 Ivova into kaMgxaji eqongeni iphatha kunkqwila-nkqwila.
- 19 Awukubonang’ukutshila kwentambanani,
- 20 Wen’ungakubonang’ukunkqwila kukaMgxaji
- 21 Ephepha-phepha edlal’ezintanjeni ephephuka,
- 22 Eligang’iqonga ee jaju phaya ngobuchul’obumangalisayo,
- 23 Athi cebu kuhle aphanthe kuvova,
- 24 Ekhulul’imvula yamanqindi ngokuthawuza
- 25 Wayibek’iMonti emaggabini nakubeni bengayifuni

## UMBUZO 2 ( Umbuzo omfutshane)

Yonwabela lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

### IZIFO ZABANTWANA: W. Shasha

- 1 Kuthi mandithethe ndide ndithintithe ngezifo zabantwana!
- 2 Kuthi mandinithuke ndinithakathe ngezifo zeli lizwe!
- 3 Le nt'izifo zabantwana zizizifo zohlanga.
- 4 Bharha mz'oNtsundu ukub'usapho Iwakho liziintsalu,
- 5 Bharha mzi kaXesibe ukub'umntwan'esiswin'uxwesile!
- 6 Koba nini na siyintlekisa ezintlangeni?**
- 7 Ngokuba sizalwe, sidle, sihluthe, sife!
  
- 8 Litsolil'ilizwi lalath'eGoli phantsi komhlaba,
- 9 Butyebi bale mihla yigolide nedayimani,
- 10 linkab'ezimaxhaka zakwaXhosa zibuthisile
- 11 limaz'ezibhonx'amabele zamaXesibe zaphusile,
- 12 Ivila lengenerha loxhatshazwa yndlala,
- 13 Ndod'ehlel'ecal'kothango yocholwa yirhafu
- 14 Yindedeba engenakuba nabhokhwe yambeleko
- 15 Ngcango zakwaTebha zivulwe zayekwa,
- 16 "Umfazi phantsi-indoda phezulu"
- 17 Batsho benyhibhel'inyhobha-nyhobha kwesejoyini.

- 2.1 Xela ukuba uphawu Iwesikhuzzo olusetyenxiswe kumqolo 1 lunika luvo luni malunga nemo mphefumlo yembongi. (1)
  - 2.2 Kwisitanza soku-1 chonga umqolo otolikwa zezi nkcaza zilandelayo;
    - 2.2.1 Ukungahambi ngendlela efanekileyo kwezinto. (1)
    - 2.2.2 Ukungabi nantshukumo siyenzayo ebomini bethu. (1)
  - 2.3 Cacisa esi sihloko, "Izifo zabantwana" ngokuveza le ntsingiselo isitheleyo. (1)
  - 2.4 Chaza ukuba olu thelekiso Iwalathwa yimbongi kwimiqolo 9, 10 no 11 malunga nezoqoqosho lukuxelela ntoni. (1)
  - 2.5 Cacisa ukuba isafobe esibhalwe ngqindilili kumqolo wesi- 6 sisetyenziselwe ukupuhhlisa ntoni. (2)
  - 2.6 Nika imizekelo ibe MIBINI yeenzima ezibangelwa yile nguqulelo yezoqoqosho ixelwa embongweni. (2)
  - 2.7 Hloba luni lophindaphindo olufumaneka ekuqaleni kwimiqolo 4 no 5? (1)
- [10]

**OKANYE**

**UMBUZO 3 (Umbuzo omfutshane)**

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

**APHI NA AMADODA! : M. Mbuthuma**

- 1 Ivelil'inyok'enkulu
- 2 Egqib'umzi wonk'uphela,
- 3 Nants'ithe ga ngogaga
- 4 Kwizigingqi zomzi kaNdaba;
- 5 Hay'ukuswel'amandla
- 6 Ngendikhe ndiyijijise.
  
- 7 Hay'ukuswel'izixhobo
- 8 Ngendikhe ndiyibonise.
- 9 Xa kunje se ikokwenu:
- 10 Thambodala sondelani!
- 11 Woz'utshabalal'umzi
- 12 Kulityelwe lutyhwatyho.
  
- 13 Zemk'iinkomo, magwala,
- 14 Nt'ezifungel'efileyo,
- 15 Nt'ezijong'owaz'umqala,
- 16 Zilibal'iintsana zazo,
- 17 Amagwal'anezishwabulo
- 18 Zeminyanya engookhokho.
  
- 19 Nohlala nibekw'ityheneba
- 20 Zizizukulwana ezizayo:
- 21 Yibulalen' inyoka, madoda,
- 22 Yod'iwafukam'amaqanda-
- 23 Kant'ayaziwa konke-konke
- 24 Ukuthi yoqandusela silo sini na.

- 3.1 Nika intsingiselo engathiwanga pahaha yegama “inyoka” ekuthethwa ngayo kulo mbongo. (2)
  
- 3.2 Lo Ndaba kuthethwa ngaye kwisitanza soku-1 ngubani kwaba balandelayo? Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
  - 3.2.1 Ngusibonda
  - 3.2.2 Yinkosi yabaThembu
  - 3.2.3 Liphakathi (1)
  
- 3.3 Chaza ukuba esi sihloko sisetyenziswe ngayiphi injongo? (1)
  
- 3.4 Ngowuphi lo mzi imbongi ithetha ngawo kulo mbongo? (1)
  
- 3.5 Chonga kwisitanza soku-1 umqolo obonisa ukuba le nyoka seyingene yaphelela. (1)

- 3.6 Ngokwakumqolo 15 ucinga ukuba umbhali uthetha ukuthini? (1)
- 3.7 Ucinga ukuba umbhali wayephila kuliphi ixesha eMzantsi Afrika ngokwalo mbongo? (1)
- 3.8 Caphula umqolo otolika le nkaza “Ukusoloko ughekwa” kwisitanza sesi-4. (1)
- 3.9 Ngokukhokhelwa sisitanza sesi-3 beka sihloko simbi endaweni yesi. (1)
- [10]

### OKANYE

#### **UMBUZO 4 (Umbuzo omfutshane)**

Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### **UPROFESA A. C. JORDAN: Z. S. Qangule**

- 1 Uvakele ubham wokuwa komthi,  
 2 Kwahlokomu amawa ezizwe ezikude,  
 3 Kwanga kudlula umoya wezixhobo,  
 4 Kwanga kukhasa umoya wentlambo  
 5 Bathi kufanele iminyanya iwellile,  
 6 Zazola iilwandle zanika imbeko,  
 7 Yana imvula ayenza nangxolo.  
 8 Izigalo zegorha namhla ziwile,
- 9 Iminwe yeqhawe namhla iyekile,  
 10 Amehlo acimele abona ekuden.  
 11 Imiquulu nantso ithe xazalala,  
 12 Qoqosha lusapho lilifa lakho,  
 13 Indedeba kaloku ibizidla ngawe,  
 14 Iduna kaloku belibilela wena.
- 15 Ndithi imkile **inqeberhu** yakwaXhosa,  
 16 Kuthiwa kumnyama kwizwe labangekhoyo,  
 17 Kudingwa izikhuthali ezidume ngomonde,  
 18 Kucelwa amadoda agqumza ngeentonga,  
 19 Amachuleacheba acubungule nomsonto,  
 20 Izinto eziphaka oko zikuphekileyo,  
 21 Izinto eziela isiselo senyaniso.

- 4.1 Hloba luni lo mbongo olu? Zixhase. (2)
- 4.2 Caphula umqolo kwisitanza-2 obonisa ukuba nokuba okaJordan akasaphili kodwa imisebenzi yakhe yohlal'ihleli. (1)
- 4.3 Zingalilifa njani iincwadi ezibhalwe ngumntu kubantwana bakhe? (1)

- 4.4 Igama elibhalwe ngqindilili ngokokusetyenziswa kwalo kulo mbongo ingaba lithetha yiphi kwezi zilandelayo:

- 4.4.1 Umntu obalulekileyo
- 4.4.2 Umntu onezoso
- 4.4.3 Umntu oxakileyo

(1)

- 4.5 Ngqamanisa umqolo OKULUHLU A nenkcaza EKULUHLU B.

ULUHLU A	ULUHLU B
4.5.1 Amachule acheba acubungule nomsono	A Usondlile ngakubhalileyo.
4.5.2 Iminwe yeqhawe namhla iyekile	B. Isiphiwo sobukrelekrele, umonde nokukwazi ukucazulula izinto
	C. Imisebenzi ebeyenza iphelile

(2)

- 4.6 Amazwi akrwelelw umgca ngaphantsi kwisitanza sokugqibela ingaba ngawokuncoma okanye ukunikezela? (1)

- 4.7 Chaza ukuba kungani na ukuba imbongi isebeenzise indalo kakhulu kwisitanza soku-1 xa ithetha ngokufa kuka A. C. Jordan. (1)

- 4.8 Nika umfanekiso ngqondweni oboniswa sisifanekisozwi “bham”. (1)

[10]

## KUNYE

### UMBUZO 5 (Umbuzo omde)

Funda lo mbongo ulandelayo ngocoselelo uze ucacise indlela umbhali abonisa ngayo icala elihle nelibi lokuthetha kulo mbongo.

#### UKUTHETHA: N. S. V. Zamela

- 1 Sisipho semvisiswano nomanyano
- 2 Yinkunzi nemazi kwizitshixo
- 3 Yincukuthu nentsika kwindalo
- 4 Kukungqisha komntu nendalo
- 5 Yimvumelwano yembono nolwimi
- 6 Sisiseko sobuntu noxolo
- 7 Ngumbongo ochaz'ukubona komntu
- 8 Iluncomo-gxeko lwezinto nendalo.
- 9 Kodwa kwakhona kuzonil'izinto
- 10 Kuba kuzikhuphil'izizathw'ezingaphilanga
- 11 Kuzidubul'iimeko zoxolo nemvisiswano
- 12 Kuzibhentsisil'iintliziyw'ezonakeleyo
- 13 Kuzibizil'iimfazw'ezininzi zomhlaba
- 14 Kuba kona kwandulel'izenzw'ezihle nezibi.

## OKANYE

**UMBUZO 6 (Umbuzo omfutshane)**

Phendula imibuzo esekwe kumbongo ongasentla.

- 6.1 Khetha kulo mbongo umqolo obonisa ukungaqiniseki kweziphumo zokuthetha. (1)
- 6.2 Xela ingcamango equlethwe yimiqolo emithandathu yokuggibela. (1)
- 6.3 Caphula kulo mbongo umqolo obonisa uchasaniso. (1)
- 6.4 Xela ukuba isihlanganisi u“Kodwa” esisetyenziswe ekuqaleni kumqolo wesi-9 sisetyenziselwe ntoni? (1)
- 6.5 Nika uhlobo Iwesafobe **esibalaseleyo** kwimiqolo esibhozo yokuqala. (1)
- 6.6 Shwankathela imiqolo yokuqala esibhozo ngezivakalisi ezibini nje kuphela. (2)
- 6.7 Kula macala mabini okuthetha avezwa ngumbhali, wena ukhetha liphi?  
Ngasiphi isizathu? (2)
- 6.8 Imvano siqalo kwimiqolo 11,12 no13 ebonakaliswe ngokukrwelelwa umgca ngaphantsi isetyenziselwe ntoni? (1)

[10]

## ICANDELO B: INOVELI

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwinoveli nganye kubuzwe imibuzo emibini, omde nomfutshane, ukususela kumbuzo wesi – 7 ukuya kumbuzo 10.
- Khetha umbuzo ube mnye uwuphendule.
- **QAPHELA:** Ukuba ukhethe umbuzo omde kwinoveli, khetha omfutshane kwicandelo C.  
Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane kwidrama, khetha umbuzo omde kwicandelo B.
- Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

### UMBUZO 7 (Umbuzo omde)

#### NYANA WAM! NYANA WAM! : W. T. Tamsanqa

Liyinene elithi impumelelo yomntu ngamnye isezandlensi zakhe. Nggina olu luvo ngeziganeko eziencwadini ngokubhekiselele kuTholelegqwirha, ubonise imingeni adibene nayo kodwa waphumelela ebomini.

[25]

### OKANYE

### UMBUZO 8 (Umbuzo omfutshane)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

#### ISICATSHULWA 1

Hayi ke yanguwashiya ukuya ezimotweni nasezibhasini, yalukrozo iimoto ukusuka eKempton Park apho iJan Smuts ikhona ukuya kuqabela eRhawutini. Ngomzuzwana omncinci kwakhala ibhungane esikhululweni eJan Smuts kodwa abanye basala beziindwane belimele kukuxovulwa ngabanye. Isihlanu sona itshoba lalala umbethe, yathutha ithuthile inqwelo yezigulane ukusa esibhedele.

Akuzange kube kudala befikile e-Albert Street lazala lema ngeembambo elo laseWesile abantu bengena benga bayagityiselwa besukela iindawo zokuhlala, abanye abazange babenakho kwa ukungena oko bakhala bephandle besithi,” Yhini! oku kokumba njeliso,” kwaye kungekho kunceda. UThozama yena namaqabane akhe babona obo buphithi-phithi eJan Smuts esikhululweni baqonda ukuba akungangabo baphindela emotweni yabo basinga esibhedele bexoliswe kukubona ukuba ufikile. Yathi ukuba izale indlu bazenza iintetho zabo ezimfutshane oonyawo-ntle boMzantsi abaNtsundu nabaMhlophe besithi, “Asikamamkeli, asikambulisi sisambona nje”.

Waye umntu omameleyo nobukeleyo esithi, “**Yhini! na angakhe anikwe ithuba atethethe sikhe sive nje oku kwelizwi lakhe.**”

- 8.1 Xela igama lesi sibhedlele uThozama nabahlobo bakhe basinga kuso. (1)
- 8.2 Chaza ukuba kungani abantu belangazelela ukumbona lo kuthethwa ngaye. (2)
- 8.3 Nika amagama abefundisi abaBINI ababalulekileyo nababekho kuloo nginginya yayiseJan Smuts. (2)
- 8.4 Chaza ukuba lo ubuyayo uvela phi, ebeye kwenza ntoni kuloo ndawo avela kuyo. (2)
- 8.5 Caphula kwesi sicatshulwa amagama atolikwa zezi nkcaza zilandelayo:
- 8.5.1 Kwakugcwele kungekho nendawo.
  - 8.5.2 Ngesaquphe akwabikho bantu. (2)
- 8.6 Chonga isaci kumhlathi wokuqala kwesi sicatshulwa uze unike nentsingiselo yaso ngokwalo mxholo. (2)
- 8.7 Nika igama esele ibizwa ngayo iJan Smuts kule mihla. (1)
- 8.8 Intetho ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa ibonisa ukulangazelela ukuba uMangaliso athethe. Sebenzisa ulwazi lwakho lwencwadi uze uxele imizekelo ibe MIBINI yemibandela awayesakuzibalula kuyo uMangaliso ngexesha esenza intetho kwiinqungquthela zabafundi. (2)
- 8.9 Waqalisa phi ukulusabela ubizo lwakhe uMangaliso akuba ebuyele eMzantsi Afrika? (1)
- [15]

## ISICATSHULWA 2

Asingeze sanaba kakhulu sichaza uvuyo olwaba kwaFikizolo mhla wafika uMangaliso engumfundisi ehamba noyise, befika kuNofundile owayecinga ukuba indoda yakhe kudala yafa njengoko nendoda yayicinga ukuba umfazi wayo wafa.

Ungasowuzizobela owakho umfanekiso. Mna ndingasuka nje ndithi yaba lolo vuyo lwalukhatshwa ziinyembezi.

Wayiwisa etyetyisiweyo umfo wasemaKhomazini ikhatshwa liqela leegusha.

**Lafa ilitye nembokotho** elimeme lonke iZazulwana. Izihlobo ezikwiindawo ngeendawo kwanezifundiswa zeli loMzantsi Afrika ziphume ngendlu. Elilisela ngelizwi elinye umfo kaBhunglepheli esithi, “Vuyisanani nam.”

Abanye abantu bayazenza izinto ezintle kodwa abaze bazibone iziqhamo zemisebenzi yabo kuba zithi ziqandusele okanye ziqaqambe sebefile kodwa apha ekwenzeni uMangaliso umntu waba nethamsanqa uFikizolo kuba iziqhamo zemisebenzi yakhe wazixhamla esaphila. Banoyolo abathi bazixhamle iziqhamo zezithukuthuku zabo besaphila.

- 8.10 Esi siganeko sokuwiswa kwetyetyisiweyo asiqali kwenzeka ngokwalapha kwelibali. Xela ukuba besikhe senzeka nini? (1)

- 8.11 Xela ukuba esi siganeko kubuzwe ngaso apha ngasentla sitolika ntoni malunga nenkcubeko yethu maXhosa. (1)
- 8.12 Ingaba la magama abhalwe ngqindilili athetha ukuthini? (1)
- 8.13 Chaza ukuba umqolo okrwelelwe umgca ngaphantsi unika luphi uluvo. (1)
- 8.14 Nika imizekelo ibe MIBINI yezidanga anazo uMangaliso ukungqina ukuba wayesisifundiswa. (2)
- 8.15 Sele sixelwelwa ngoMangaliso ofika kwaFikizolo ehamba noyise badibene phi kwaye bedibene njani? (2)
- 8.16 Kolu hambo lokubuyela ekhaya uqale wagqitha phi uMangaliso akuba eseGcuwa phambi kokuba aye kwaFikizolo? (1)
- 8.17 Xela ukuba ngokwesi sicatshulwa libe yintoni igalelo alenzileyo uFikizolo ebomini bukaMangaliso. (1)
- [10]
- [25]

**OKANYE****UMBUZO 9: (Umbuzo omde)****UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule**

Umzabalazo asiyondlwan'ianetha kuba ubomi bakho busemngciphekweni wokufa kodwa ofunga angajiki uyabuyekezwu ekuggibeleni. Ujunge uMfazwe bonisa ubunyani bolu luvo uthathela mhla wathatha isiggibo sokuwela imida alifulathele ikhaya lakhe de abe uchophela ityala likaFriday.

[25]

**OKANYE****UMBUZO 10: (Umbuzo omfutshane)**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA 1**

"Uza kwenzakala kuloo ndlela uyithathayo." Yayilizwi elirhabaxa lendoda, lisitsho kude kufutshane nam. Ndaqwanya ndajonga ngasentla, hayi andabona mntu, utsho phi bethu?

"Ndihambe ngaphi ke?" cwaka. Tyhini, uyokutshona phi na lo mntu? Kwathi qatha ukuba makabe akafuni kuthetha, ngoko ke mandimkhokele. Ndalathe ezantsi, kwam, "ndihambe ngapha?" Yabuya ngoko nangoko impendulo, "hayi!" Ndalathe ngasekunene, wathi hayi kwakhona, nangasekhohlo waphinda walandula. Ndalathe entla kwam, "heke, nyuka ngolo hlobo." "Njani, kungekho ndlela nje?" Ndabuza ndingxamile. "Nyuka wena iza kubakho indlela."

“Uphi wena?” Yabuya impendulo isithi “ndilapha” ndabe mna ndingaboni kwanto. Ndigwencelle eliweni ndanyuka izicalu zamatyel athe nkqo. Ukuqabelwa amawa nokunyuka imithi yayiyinto esasiyenza sisengamakhwenkwana, kangangento yokuba saside sikhuphisane ngokunyuka eyona ndawo iphakamileyo kulaa ntaba kaQaka. Lwaluneengozi ke nolu khuphiswano esasilunyukiswa njalo ngalo.

- 10.1 Ngoobani aba bathetha kwesi sicutshulwa? (2)
- 10.2 Uphi lo mlinganiswa ngeli xesha eva eli lizwi? (1)
- 10.3 Xela ukuba abantu ababhacayo babesebenzisa luphi uhlobo lwesithuthi. Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 10.4 Sele esiva eli lizwi nje lo mlinganiswa uphumeleni kwisithuthi ebekhwele kuso? (1)
- 10.5 Nika igama lendawo eza kuba sisiphelo solu hambo lude kangaka luthatyathwa ngulo mlinganiswa kwaye kulawula wuphi umbutho kule ndawo? (2)
- 10.6 Yinyani okanye bubuxoki xa esi sithethi sisithi, “inengozi ke le ndawo uze kuyo”. Zixhase. (2)
- 10.7 Chaza ukuba uphethe enikwa ntoni lo mlinganiswa sesi sithethi sala mazwi angasentla? Kwaye esi sipho sibe luncedo njani kulo mlinganiswa. (2)
- 10.8 Xela ukuba lo mlinganiswa uphinde wadibana naso phi esi sithethi ngokwalapha ebalini. (1)
- 10.9 Lo mlinganiswa uthabatha olu hambo akabonakalisi ephethe mpahla njengamntu useluhambeni. Chaza ukuba kungani. (1)
- 10.10 Ukhe wakhwazwa kanobom ngamakhwenkwwe athile lo mlinganiswa esekolu hambo ndaweni ithile. Ebemkhwaza esithini? (1)

[15]

## ISICATSHULWA 2

“Masithembe uyeza ngenene tat’uQhinebe. Usale kakuhle!” Ndandimazi uNdikho. Yenye yeentwana ezafika mva eMthontsi. Andinakuze ndilalathe ingcwaba lakhe kulawa aseMthontsi, kodwa likuwo.

Yatsala inqwelo yamahilihili.

“Kungcono ukufa kunokuba ingqondo yakho igcine umfanekiso onje.” Loo mazwi kaSiphiwo andihlala ndada ndaya kufika esikhululweni eBholo. Akukho namnye umfanekiso owawufuna ukucima engqondweni. EBholo itreyini yafika ezinzulwini zobusuku, yaba ndim nedwa umntu ohlays. **Emgangathweni wabakhweli** kwakuthe cwaka, kungabonakali nomthinzi. Bayephi abantu?

Ngethamsanqa kwakungabandi kuba kwakusehlotyeni, iinkwenkwezi zazikhanyise isibhakabhaka, elo litha laza kuhlaba emhlabeni ezantsi. Iimvula zehlobo zazingekafiki ncam, imithi isawabonisa amanxeba obusika. Kwakungekho nampahla ingako ndinayo, ndingazi kusindwa nto ke kuloo ndlela iya kwaQaka. Ndithe xa ndiphuma esitishini kwabe kufika imoto engxamileyo. YayinguSiphiwo. “Nguwe lo Mfundisi kudala ndiquqa apha kwesi sitishi okoko sabuyayo. Besendinexhala ndisithi akusabuyi, mhlawumbi ucholwe lixhegwazana langaphaya eMgazi”.

Wayethetha uSiphiwo engaphumli engandibuzi nempilo le. “Kukuthini ukuthetha ngolu hlobo Siphiwo wakugqiba ukuba ngumfundisi? Kutheni khona ndizokuphuthunywa nguwe nje?

- |         |   |     |
|---------|---|-----|
| 10.11   | Xela ukuba lo mbutho iNtsimb’ebomvu ungawunxulumanisa nawuphi eMzantsi Afrika kule ilandelayo:                                  |     |
| 10.11.1 | Azapo   |     |
| 10.11.2 | Umkhonto weSizwe  |     |
| 10.11.3 | I. F. P.  | (1) |
| 10.12   | Beka gama limbi elikumxholo wesicatshulwa endaweni yalawo abhalwe ngqindilili.  | (1) |
| 10.13   | Xela ukuba lo Siphiwo uthetha nomfundisi baqale phi ukwazana?   | (1) |
| 10.14   | Yahlula aba befundisi babini kuthethwa ngabo apha.  | (2) |
| 10.15   | Ngokwencoko yesi sibini kubonakala kubuywa ndaweni ithile. Chaza ukuba kubuywa phi?   | (1) |
| 10.16   | Sebenzisa ulwazi lwakho lwencwadi uze uxele indlela ebebizwa ngayo uMfazwe ngooThembekile.                                      | (1) |
| 10.17   | Chaza naziphi na izinto eziNTATHU awathi uSiphiwo wazixeleta lo mlinganiswa aye kumphuthuma ukufika kwakhe kwamfundisi uHlathi. | (3) |
- [10]**

## ICANDELO C: IDRAMA

### IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela kumbuzo 11 ukuya kumbuzo 14.
- Kwidrama nga**NYE** kubuzwe imibuzo emibini; **omde** kunye **nomfutshane**.
- Khetha umbuzo ube **mnye** kwidrama **oyifundisiweyo**.

**KHUMBULA:** Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omfutshane kwicandelo B,  
**UNYANZELEKILE** ukuba akhethe umbuzo omde kwicandelo C.  
 Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwicandelo B,  
**UNYANZELEKILE** ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwicandelo C.

**Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.**

### UMBUZO 11: (Umbuzo omde)

**A- a – a! JONGUMSOBOMVU: B. B. Mkonto**

Ngqina ngokubonisa ngezehlo ezikule ncwadi ukuba iinjongo zabamhlophe zokushumayela ivangeli kaKrestu yayingekokuxwilela nje kuphela iingqondo zabamnyama kule nkolo, koko yayikukurhwaphiliza umhlaba wabo nobutyebi bawo bengaqondwa.

[25]

### OKANYE

### UMBUZO 12 (Umbuzo omfutshane)

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

#### ISICATSHULWA 1

**QUKA:** Njengokuba kusithiwa nje niyabalela abantu ukuba basile iindywala zabo benze namadini abo ngenxa yokuhlonela abo baleleyo, uthini wena?

**FILIPHU:** Khumbula kaloku mhlekazi ukuba abantu bayakhohlwa kukuthatha izinto bazibeke ngale ndlela bakholwa yiyo bona. Akuthiwa abantu mabangonwabi, hayi. Kungatshiwo nokuthi abantu mabangasili iindywala zabo ngokuzonwabiswa, kodwa ukho umahluko ekuseleni ngengqiqo nangendlela eyiyo nasekuseleni uzibhubhisa. Bambi ke abantu baye bathi ngenxa yeza ndywala ubone ukuba ayikho enye into engenye abaya kuthi bayenze, kuphela **kukujikeleza apha elalini behamba besela**, ndaweni yokwenza imisetyenzana yekhaya. Yiloo ndawo ke le siyilwayo ebantwini.

<b>QUKA:</b>	Unyanisile ke kuloo ndawo. Yenye yezinto endingadibani kakuhle ngayo nenkosi le yam yeziyunguma. Silwa kube mdaka iisali kuba kaloku yona ithanda ukubona abantu bengena bephuma apha ngenxa yezi ndywala zingapheliyo, ndaweni yokuquqa emasimini nasendle. Ndiyabona ukuba singadibana nale nto niza nayo. Khanide ke nisebenze apha ebantwini, nibafake loo mhlabelo, mhle, kunjalo nje uya kusiphucula esi sizwe sifumane uzuko nakwezinye izizwe.
<b>RUFUS:</b>	Ungalibali ke mhlekazi ukuba, mna ndiza nezinto oza kuthi wakuzibona, uhive nawe ukuba ngenene awuzilahlekisanga nesizwe sakho. ( <i>Uvula ityesi ebithwelwe ngabasebenzi bakhe ababini</i> ) Khangela le tyesi yam, bubutyebi bodwa obu ububonayo. ( <i>Ukhupha ihempe nebrukhwe yekhakhi</i> ) Ziimpahla ezi sizinxibileyo. Ndiyakupha, zezakho ezi mhlekazi. Lo mnqwazi, ungakunceda kula malanga ale ndawo. Kanti ke ndiyazi ukuba kweli cala anikaziboni ezi zethu izixhobo zokulwa, khangela le yethu intonga, ( <i>Ukhupha umpu</i> ) Ndiyakwazi ukubetha into ikude ngayo. ( <i>Uyawungxala bebuкеle abanye, adubule iinkukhu ebezicholachola kude phaya</i> )
<b>QUKA:</b>	Hi bafondini! Kade ndisiva ke ngalo mbayimbayi ushiya izigede. Uyabona baw'uMngxongo ukuba utshaba Iwakho ulubetha lusekude phaya, uqengqe ugodo. Nazi ke izinto endizifunayo mna kwesi sizwe, impucuko nokuxhobisa esi sizwe, siyeke ukunyeliswa njengamatyutus.

- 12.1 Xela ukuba intetho kaQuka ekrwelelwe umgca ngaphantsi ibhekisa koobani? (1)
- 12.2 Thathela kule ntetho kaQuka yokuqala kwesi sicatshulwa uze unike uhlobo Iwesimo sentlalo sale ndawo. (1)
- 12.3 Ukwensiwa kwamadini ngabantu abathile ingaba kubonisa yiphi kwezi zilandelayo. Khetha impendulo echanekeleyo:
- 12.3.1 Ubutyebi
  - 12.3.2 Inkubeko
  - 12.3.3 Ishwangusha (1)
- 12.4 Nika igama elinye neliya kuthetha into etolikwa ngamagama abhalwe ngqindilili kwintetho kaFiliphu. (1)
- 12.5 Chaza ukuba yintoni le bangavisansi ngayo uQuka nenkosi yakhe. (2)
- 12.6 Uyavumelana na nale ndlela uQuka ayibona ngayo impucuko? (1)
- 12.7 Ucinga ukuba uQuka wabamkela aba bamhlophe? Zixhase ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)
- 12.8 Nika igama lale nkosi yabulawa nguQuka. (1)
- 12.9 Ucinga ukuba yintoni injongo yokuba uQuka anikwe ezi zixhobo zempucuko? (1)

**ISICATSHULWA 2**

<b>FILIPHU:</b>	Kwakuhle ke oko Kholoneli. Ndiyaphinda ukubethelela into yokuba le ndaba yale ncwadi maybe yejakwamkhozi. <u>Nomrhwebi lo andingengweni ukuba ayive kuba lilopholopho.</u> Ndisitsho nje ndimbona esiza nganeno apha namahlakani akhe orhwebo.
<b>SOMERSET:</b>	Kaloku Gqirha ukuba linokudula eli hlebo lethu, ndingamangalelw yinkundla yasemkhosini, ndivalelwe, ndigxothwe kungenjalo ndifumane ukuxhonywa. <b>Esi senzo sifana nokuvukela umbuso.</b> Kodwa ke sinokuthini ukungasenzi? Silangazeleta uxolo kule mimandla ukuze nani nize kushumayela ningenaloyiko lakuhselwa zezi ndlavini. Mna ke ndidinwe ngala magazi amsulwa ankcenkceza kule mimango. Lelona cebo eli. ( <i>Uyangena uRufus</i> ) Kutheni? Wamaphikana?
<b>RUFUS:</b>	Ndothuswa zezi nqwelo zingakaya. ( <i>Esalatha phandle</i> ) Akhululwe onke amakhoboka. Akagqejwanga nje kuphela, abulewe ehleli amafama. Ndibhidwe ngoku ngala siza nawo, afike apha aya kuzinyhala kwamanye. Ndicela uGqirha lo aye kundicengela phaya kuwo, awabonise umonakalo aza kuwenza ngokungasincedisi siwahlawula ngokuncumisayo.
<b>FILIPHU:</b>	Andingethandi ukuba sibyele kuloo ngxoxo mnumzana uRufus. Ngumthetho osekiweyo ngoku lowo. Ukuba unomqeshwa wakhe, intlawulo iya kuphuma ngokufanelekileyo nangemvisiswano phakathi kweso sibini. Kodwa akukho bani unagunya kubomi bomnye umntu. Yiya wena ngokwakho kubantu bakho, ubacenge nje ngomqeshi kumqeshwa. Ukuba uya ngegunya lobuThixo kwikhoboka chitha utyiwe.

- 12.10 Yahlula aba babini, Filiphu kunye noSomerset ngokwendima abayidlalayo. (2)
- 12.11 Chaza ukuba ngokwendima ayidlalayo uFiliphu uyayingqina na le nto ayiyo. Ewe / Hayi, uzixhase. (2)
- 12.12 Cacisa le ntetho yesi sithethi ibhalwe ngamagama angqindilili. (2)
- 12.13 Xela ukuba le leta athetha ngayo uFiliphu ithini. (1)
- 12.14 Abhekisa kubani amazwi akrwelelw umgca ngaphantsi kwintetho kaFiliphu? (1)
- 12.15 Yinyani okanye asiyonyani xa uSomerset esithi, "... ukuze nani nize kushumayela ningenaloyiko lakuhselwa zezi ndlavini"? Zixhase. (2)
- 12.16 Xela ukuba le ncoko yaba balinganiswa iqhubeka phi? (1)
- 12.17 Chaza ukuba ezi nqwelo athetha ngazo uRufus kwintetho yakhe zezantoni? (2)
- 12.18 Caphula kwintetho kaSomerset yokuqala amazwi abonisa ukuba uRufus imothusile into yokukhululwa kwamakhoboka nokubulawa kwamafama. (1)

**UMBUZO 13 (Umbuzo omde)****AMAZA: Z. S. Qangule**

Kuyacaca ukuba umbhali xa ethiya igama umlinganiswa sukube enento afuna ukuyityhila malunga nomxholo. Bonisa indlela azotywe ngayo uNamhla ekuncediseni ukuwufezekisa umxholo.

[25]

**OKANYE****UMBUZO 14 (Umbuzo omfutshane)**

Fundisisa le ncoko ilandelayo wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo kwizicatshulwa zozibini.

**ISICATSHULWA 1**

- LIZO:** (*Esiya ngasefestileni.*) Ziinyanga ilizwi ulikhuphele imixhadi, ngunyaka wonke iinyembezi uziphalaza ucela amawenu ukuba angakutshatisi noSidima. Kodwa sekunjalo iinyembezi zakho ziwa njengamanzi entlabathini. (*Ejika emjonga*) Ingaba usaboyikela ntoni ububi obunokuvelela uziqhelile nje iintolo zabo?
- NAMHLA:** (*Esiya kuchopha ebhedini*) Utsho usithini?
- LIZO:** (*Esondela kuye*) Nditsho ndisithi qina, masilungise, uthyafu nobutyeketyeke mabukhwelele.
- NAMHLA:** (*Emhlalisa emgona*) Masingangxami siziphose kudaka esakuthi sizikhupha kulo sibe sitshona kwakulo.
- LIZO:** (*Engqengqa*) Bendingazi ukuba singathintelwa zizidenge zamaqaba kwiinjongo zethu.
- NAMHLA:** **Intsomi yakwaXhosa ithi izitunxa zabeka ilityekazi endleleni, nkqi zoyiswa kukulisusa izilumko!**
- LIZO:** Kanene lo Sidima uza kuhlala ixesha elingakanani emva kwaloo nomgogwana womtshato?
- NAMHLA:** linyanga zimbini qwaba, abuyelete eRhawutini.
- LIZO:** Kanene wenza msebenzi mni?
- NAMHLA:** Ukwii-ofisi zeedompasi kufutshane nemigodi.
- LIZO:** Ukuba ubuye engawelwanga ngumgodi, uya kufika edilikelwe yindlu.
- NAMHLA:** Kuwa into ebimile.
- LIZO:** Niza kutshatiswa ngubani?

- 14.1 Xela ukuba isifaniso esisetyenziswe kwintetho yokuqala kaLizo siphuhlisa ntoni.

(1)

- 14.2 Nika intsingiselo yegama “udaka” ngokwesi sicutshulwa. (1)
- 14.3 Chaza ukuba intetho ebhalwe ngqindilili kaNamhla ibhekisa koobani. (2)
- 14.4 Nika igama lomntu oza kutshatisa uNamhla noSidima. (1)
- 14.5 Ngubani owangena ngequbuliso esi sibini sisazihlalele kamnandi ngokwesi sicutshulwa? (1)
- 14.6 Ingaba le ncoko yesi sibini iqhubeka phi? (1)
- 14.7 Caphula igama elibonisa ukudeleka kwalo mtshato kaSidima noNamhla. (1)
- 14.8 Cacisa le ntetho kaLizo “Ukuba ubuye engawelwanga ngumgodi uya kufika edilikelwe yindlu.” (2)
- 14.9 Ingaba azaliseka la mazwi angasentla esi sithethi? Ewe/ Hayi uzixhase. (2)
- 14.10 Bhala igama elikwesi sicutshulwa elitolikwa yile nkcaza: Incwadi eyayinguntamnani kumntu omnyama ngexesha lengcinezelo. (1)
- 14.11 Anyanisile na amazwi kaNamhla athi, “Kuwa into ebimile”? Zixhase. (2)

[15]

## ISICATSHULWA 2

**SIDIMA:** (*Ejonga kuDuma, emgquma ngeragi yakhe*) Andazi nokuba mandithi sala nokuba mandithi hamba na mfo wethu. Ngoku ndisele ndedwa, inxenye yam ibunile. Mandla mani na angaphefumlela olu dongwe, lubuye luggadaze, lungqishe, luthethe. Ithunzi lokufa ligqithe ngakum ladlula nave. Akwaba ilifu besilifunqule ngaxesha-nye ukuze lakusilahla siyihambe kunye loo ndlela inxaphisayo. Siwaqabele kunye loo maqhina angquzulanayo, sehle sixhasene kwezo ngxondorha zisinekileyo, siphume kunye kwezo ntsunguzi zamahlathi kaMtyholi. Sikhwazane xa sixwesaxwesa kuloo maxethuka, sigonane kaloku xa silufincayo uhambo lwethu. Ngala mazwi ke mfo wethu ndiyakubulisa. **Kungoku nje ndiyahamba kuba ndibaleka imbumbulu eyahlala ikrobile. Ndisaba isibham esahlala siqhumisa.**

**ZODWA:** (*Esogquma uZodwa waseBhayi ngeragi yakhe*) Ngelokuncama ke sithi kuggityiwe. Thina benyama asinamandla akwenza nto, sicela uMesiya anivulele kumnyango wamazulu, anihlanganise nabo basindisiweyo. (*Uwe umkhusane*)

- 14.12 Khetha kwesi sicutshulwa ibinzana elitolikwa zezi nkcaza zilandelayo:
- 14.12.1 Ukuphinda kubuyiselwe ubomi.
  - 14.12.2 Ukubambisana / ukusebenzisana ngamaxesha eenzima. (2)
- 14.13 Nika esona sizathu sokuba aba babini badutyulwe? (1)

- 14.14 Chaza ukuba amazwi akwisivakalisi sokuqala kwintetho kaSidima azoba mfanekiso mni ngaye. (1)
- 14.15 Tshatisa igama eliKULUHLU A eliya kuthi linike intsingiselo enye nelo liKULUHLU B ngokwakwisicatshulwa. (3)

**ULUHLU A****ULUHLU B**

14.15.1 Udongwe	A Ukufa
14.15.2 Ilifu	B lingxaki / iinzima
14.15.3 lintsunguzi	C Umzimba

(3)

- 14.16 Ingaba intetho kaSidima ebonakaliswe ngamagama abhalwe ngqindilili ibethelela luvo luni? (1)
- 14.17 Xela ukuba ngokwesi sicatshulwa sesibini ungathi kuxa likweliphi inqanaba lesakhiwo eli bali. Xhasa impendulo yakho. (2)  
[10]

**AMANQAKU ECANDELO C:** **25****AMANQAKU EWONKE:** **80**